# UHLAHLO- LWABIWO MALI LUKA 2012

## UKWENZA U "**KUNGCONO XA SIKUNYE**" INTO EYINENE

Ngoluhlahlo-lwabiwo mali luka 2012 sibenako ukunika amathuba emisebenzi apho- abantu abafana nawe banokuzifumanela khona – oko kusibeke endleleni ejongene nokukhuliswa kwezoqoqosho nokudalwa kwamathuba emisebenzi.



**Lulonke uhlahlo lwabiwo –mali oluya ekuphuhliswewni kwezeMPILO nakwezeMFUNDO lufikelela kwi sibini esithathwini.**

### EzeMfundo

**Siyakuthi** someleze kwiindawo ebesele siziqalisile ukuphucula ukufunda nokubala kwizikolo ezisezantsi ; ukuphuhlisa inani nezinga leziphumo zebanga leshumi; ukuthotywa kwenani lezikolo ezineziphumo ezibi ; ukunikwa kwabafundi abakwibanga lokuqala ukuya kweleshumi elinambini( grade1to grade 12) kweencwadi zokufunda kuzo zonke izifundo ; nokuphuculwa kweenkqubo yokufundiswa kwabasaqalayo kwizikolo zikawonke wonke.

**Qinisekisa** ukuba umntwana wakho uzimisele ezifundweni ukuze aphumelele

### EzeMpilo

**Siyakunciphisa** izehlo zokonzakala nokwasuleleka kwezifo ezifana noGawulayo nesifo sephepha, nokuphucula impilo yomama nabantwana. Sigqityiwe ukwakhiwa isibhedlele sase Khayelitsha yaye ngoku kuqaliswe ngolwakhiwo lwesibhedlela sase Mitchell's Plain.

**Kufanele** uphile ngendlela efanelekileyo yaye usoloko usebenzisa isikhuseli xa usabelana ngesondo.

### IIProjekhthi ezisisiseko

**Siyakuthi** sikhuthaze imisebenzi efuneka ngamandla yaye someleze ezoqoqosho ngenkqubo ebizwa I game-changing capital investment programme yeminyaka emininzi:

- Iinkqubo yokuvuselela kwezixeko ezintathu: I R149.50 yezigidi zerandi eya kwi candelo leFounders' Garden/Artscape , I R156.65 yezigidi zerandi yokuphuhlisa iindawo zikaRhulumente ezisedolophini kunye ne R103 yezigidi yokuphuhlisa icandelo elithile kwisibhedlela I Somerset.
- I R161.79 yezigidi yokwandiswa kwe Cape Town International Convention Centre yenziwe kunye neSixeko saseKapa kwakunye nemibutho yabucala.
- Isixa mali esongeziweyo esiyi-R300 yezigidi zerandi esilungiselelwa iiprojekhthi zolungiso lweendlela.
  - Uphuculo lwendlela entsha eyahlula phakathi i Gansbaai ne Bredasdorp iyakuthi yongeze ubuhle kwezoKhenketho kulaMmandla.
  - Isicwangciso sokwakhiwa kwebhulorho entsha kwisiphambuka i Wingfield.
  - Isicwangciso sokwakhiwa kwendlela entsha engenelela kwi Saldanha Bay Industrial Development Zone.
- R31.69 yezigidi zerandi eziya ekwenzeni iinkqubo zonxulumano noSasazo olubanzi oluya ezikolweni, kuwo onke amaPhondo nakooMasipala beNtshona Koloni, nakubo bonke abahlali, ngelixesha sisebenza ngendleko ezijongene noshishino.

**Wena neshishini lakho** kufuneka usebenzise onke mathuba owafumanayo ukukhulisa ezoqoqosho.


### Ukuphucula iindawo esihlala kuzo

**Siyakukhuthaza** umanayano loluntu nokunciphisa ubuhlwempu ngokuthi.

- Ukunika inkxaso-mali kwiiprojekhthi zophuhliso loluntu ezijolise ebantwaneni, ulutsha, abantu abadala kunye nokuthotywa komgangatho wokusetyenziswa keziyobisi.
- Uqwalaselo lwemidlalo ezikolweni, iinkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo kunye namaThala eencwadi kwindawo zoLuntu olungathathi ntweni.
- Ukwengeza amathuba okufumaneka kwezindlu.
- Ukwandiswa kokhuseleko ngentsebenziswano namahlakani ezokhuselo.
- Ukuncitshiswa kokufa okubangelwa ziingozi ezindleleni.

**Nonophela** impilo yakho ungaze usele uqhube.

**Lulonke uhlahlo lwabiwo mali luka 2012/13 luyi R39.885 ye bhiliyoni zerandi.**




*Amanye amaSebe: INkulumbuso, iPalamente yePhondo, uNoNdyebo wePhondo, uKhuseleko loLuntu, iMicimbi yeNdalo esiNgqongileyo nesiCwangciso soPhuhliso, ezoLimo, uPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho, iMicimbi yeNkcubeko nezeMidlalo kunye noRhulumente womMandla.

**SINGAYENZA NGCONO INTSHONA KOLONI**

URhulumente weNtshona Koloni

UBAMBISWANO NGAMANDLA.